Kwindawo ekude lee kwakuhlala intshontsho lenkukhu elalingaqhelakanga. Lalohlukile kakhulu ngenxa yeentsiba zalo ezazingafani nezamanye amantshontsho.

Endaweni yokuba zithi waca kakuhle kwaye zikhazimle, zazingathi ziphendulelwe, kwaye zidlakadlaka. Intamo yalo yayingenazintsiba, logama amanqina alo efuku-fuku ziintsiba.

Amanye amantshontsho ayebizwa ngemibala yawo. Ngenxa yenkangeleko yeentsiba zalo eli intshontsho lalibizwa ngokuba nguNomadlakadlaka. Wayelithanda kakhulu igama lakhe kuba lalimenza azive ekhethekile.

Amanye amantshontsho ayengafuni tu ukudlala noNomadlakadlaka.

“Ndlela le zimbi ngayo iintsiba zakho, azinakolululwa nayikama!”

“Masingamvumeli asondele ecaleni kwethu, inokuba uyanuka kwaye uneentwala!” watsho uHlotshi, owayelintshontsho elimhlophe elalithandwa kakhulu ngamanye. Wawungafika emlandela ngokungathi yinkokheli yawo.



Wayenesithukuthezi kakhulu uNomadlakadlaka kuba wayehlala noMama wakhe kuphela.  Wayenqwenela kakhulu ukuba nomhlobo. UMama wakhe wayesoloko emkhuthaza ukuba adlale namanye amantshontsho ukuze ayiqhele indlela akhangeleka ngayo.

Oku kwakunzima kuNomadlakadlaka kuba amanye amantshontsho ayesuka abaleke xa esondela kuwo.

Ngenye imini uNomadlakadlaka wayezidlalela yedwa ngesiqhelo, kweza elinye intshontsho elinemibala emihle engaqhelekanga. Wayeqala ukulibona.

“Zintle iintsiba zakho mihle nemibala yakho.  Ungubani igama lakho?” wabuza uNomadlakadlaka.

“Enkosi! UMama uthi lo mbala ungqoqo, negama lam nguNgqoqo,” laphendula intshontsho lincumile.

“Hayi, nyhani? Mna ndinguNomadlakadlaka. Ndiphiwe eli gama kuba iintsiba zam zidlakadlaka.” Waphendula uNomdadlakadlala encumile. Bahleka bobabini.

“Ndingazibamba ndizive iintsiba zakho?” wabuza uNgqoqo.  Wanqwala intloko uNomadlakadlaka.

UNgqoqo wothuka kakhulu akuzibamba. Iintsiba zikaNomadlakadlaka zazithambile njengezi zakhe, zazinganuki njengoko wayevile.

Okokuqala ebomini bakhe wafumana umhlobo uNomadlakadlaka.

Yamvuyisa kakhulu into yokuba abe nalo mhlobo. Amanye amantshontsho ayebabukela beleqana bedlala, bezingela imisundululu nokunye ukutya.

Esi sibini sasonwabile sihleka oko amanye amantshontsho emangalisiwe bobu buhlobo.

Kwathi ngenye imini uNomadlakadlaka noNgqoqo bedlala ebaleni, kwabhabhela uKhetshe kufuphi nabo.

UKhetshe wasondela wabhabha kanye phezu kwabo.  Ngelo xesha uNgqoqo wayefile luloyiko.

UNomadlakadlaka waxelela umhlobo wakhe ukuba azole kuba yena akamoyiki uKhetshe okhohlakeleyo.

UKhetshe wavula iinzipho zakhe ezinde nezimdaka, elungiselela ukuxhwila uNgqoqo.

UNomadlakadlaka wama phakathi komhlobo wakhe noKhetshe ephephezelisa amaphiko zashukuma ezo ntsiba zakhe zidlakadlaka.

Wajongana ngqo noKhetshe emehlweni.

"Gwala ndini likakhetshe! Thatha mna uyeke umhlobo wam. Andikoyiki mna! Hamba!  Yahlukana nathi!"

UKhetshe akazange akholelwe koku akuvayo. Wanyuka ngokukhawuleza othukile. Kwakungazange kubekho ntshontsho lithetha naye ngolu hlobo.





Amanye amantshontsho ayesoyika ebukele bucala endaweni efihlekileyo. Ayemangaliswe bubugorha bukaNomadlakadlaka. Ayengakholelwa yindlela awayebeke ubomi bakhe emngciphekweni ehlangula uNgqoqo.

“Enkosi ngokundisindisa tshomi. Kutheni ungamoyiki nje wena uKhetshe?” wabuza uNgqoqo.

“Ndicinga ukuba iintsiba zam ezidlakadlaka zinemilingo. Kwaye ungumhlobo wam osenyongweni.” Waphendula uNomadlakadlala.

Bagigitheka abahlobo ababini. UNomadlakadlaka wayekuvuyela nangakumbi ukohluka kwamanye amantshontsho.

Ngemini elandelayo, onke amantshontsho asondela kuNomadlakadlaka noNgqoqo, nkqu noHlotshi inkokheli yawo.

“Ndingaba ngumhlobo wenu nam,” wacela uHlotshi.  UNgqoqo wajonga kuNomadlakadlaka nowaphendula encumile wathi, “Nakanjani! Ungaba nguye umhlobo wethu.”

“Ndicela uxolo ngazo zonke izinto esizithethileyo,” waqhubeka watsho uHlotshi.

Wanqwala nje intloko uNomadlakadlaka.



Ukusukela loo mini, onke amatshontsho adlala kunye. UNomadlakadlaka wabafundisa ukuphaphazelisa iimpiko zabo ukuzikhusela kuKhetshe.





UKhetshe wayeka ukuwakhathaza la amantshontsho.

Mhlawumbi waqonda makagqithela kweminye imizi. Saphela tu isithukuthezi kuNomadlakadlaka namanye amantshontsho ayeka ukumthiya amagama angawathandiyo. Onke asuka ambiza ngokuba nguNomadlakadlaka Oligorha!

Ulwazi Lwethu Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

Ulwazi Lwethu yinkqubo esekwe ngenkxasomali yiZenex Foundation ukuvelisa uluhlu lweencwadi zokufunda nezinye izixhobo zokufundisa. Le nkqubo ijolise ekufundiseni nasekuxhaseni ukuphuhla kwesakhono sokufunda nokuqonda ulwimi lwasekhaya kubafundi abakumabanga aphantsi. Ezi ncwadi zihleliweyo zisungulwe ngeelwimi ezilithoba zaseMzantsi Afrika ngentsebenziswano phakathi kwamaqumrhu iMolteno Institute for Language and Literacies, iNelson Mandela Institute for Education and Rural Development, iRoom to Read South Africa neSouth African Institute for Distance Education. Zonke ezi zixhobo zivelisiwe njengesibonelelo semfundo evulelekileyo nefumaneka simahla, iOpen Education Resources (OER) ngelasemzini.

Nceda undwendwele iwebhusayithi yethu ukuze ufumane ushicilelo olupheleleyo lwale ncwadi:: ***ulwazilwethu.org.za***

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute Zenex Foundation, but you may not change this work in any way or use it commercially.

ISBN: 978-1-77981-068-7